

# UKUTHINTELA NOLAWULO LWESIFO SAMANQINA NOMLOMO

## Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)





**1. Yintoni isifo samanqina nomlomo?**
- Isifo samanqina nomlomo (FMD) sibuhlungu, sisifo esosulela lula imfuyo ngentsholongwane nesinemiphumela emikhulu kuqoqosho. Esi sifo sihlasela ezinkomeni, hagu, gusha, bhokhwe kunye nezinye ezetyisayo kwezinephuphu elibubini. Le ntsholongwane ifumaneka kuzo zonke iincidi zomzimba, nezinje ngamathe, umchamo, ilindle, ubisi nasemoyeni okhutshwa yimfuyo enesi sifo.
- Imfuyo yosuleleka sesi sifo xa isidla okanye iphefumlela / ibizela ngaphakathi le ntsholongwane ngenye yeencidi zomzimba.
- Nabantu basenokuyisasaza le ntsholongwane ngokwempahla enongcoliseko, izihlangu, izandla kunye namatayara esithuthi.

**2. Zibonakala ngantoni iimpawu zesi sifo?**
- Amadyungu-dyungu nezilonda emlonyeni (iintsini, iinyheke naselwimini) ziba zizilonda ezisentsha nezibuhlungu, nezenza kubenzima ukuba ingadla ze de ivuze nezinkcwe.
- Amadyungu-dyungu nezilonda eziphakathi kweenzwane nasekungqamaneni kwephuphu nofele, zingabangela ukuqhwalela de zingafuni ukuhamba-hamba.
- Iinkomo zinganezilonda kwiingono ze bele. Oku kukhokelela ekuncipheni ngokukhawuleza kwimveliso yobisi.

**3. Kutheni ibalulekile le FMD?**
- Amafama afumana ilahleko kwingeniso ngenxa yokuhla kobunzima kwimfuyo egulayo, ayikhuli kakuhle de ingabinakuvelisa ubisi olwaneleyo. Amankonyana wona angade afe.
- Kuchithwa imali eninzi ekuzameni ukulawula nasekunqandeni ukwanda kwesi sifo.
- Amazwe angenaso esi sifo akasoze ayithenge imfuyo, inyama okanye iimveliso zenyama zelizwe loMzantsi Afrika xa esi sifo sisasasazekayo.

**4. Kufuneka ndenze ntoni xa kukho into endikrokrisayo?**
- Ukuba uthe wabona iimpawu zesifo samanqina nemlomo, khawuleza uqhakamshelane ooGqirha Bonyango Lwemfuyo kuRhulumente abakufutshane kuwe.
- Imfuyo enesi sifo se (FMD) okanye ekrokrelekayo iyathintelwa ekubeni ingangena kwisilarha sokuxhelwa okanye ixhelwe.
- Xa le FMD ithe yakrokreleka ngokweziphumo zokuxilongwa kwesidumbu sayo esifileyo, kufuneka uphahla kunye namathumbi agcinwe ngendlela esiyixelelwa ngooGqirha Bonyango Lwemfuyo kaRhulumente.



Last updated: June 2025



- Kufuneka kucocwe igumbi nazo zonke izixhobo zokusebenza ngokuthi kusetyenziswe i "acetic acid" ukuze kuthintelwe ukusasazeka kwale ntsholongwane ingakwisilarha sokuxhela.

**5. Usixela njani esi sifo samanqina nomlomo?**

- Ngolwazi olongezelekileyo kunye nokuxela iimeko ozokrokrelayo ngesifo samanqina nomlomo, nceda uqhakamshelane ne Ofisi yooGqirha Bonyango Lwemfuyo nekufutshane nawe yeSebe leZolimo eNtshona Koloni nezikho kulo lonke eli Phondo leNtshona Koloni. Jonga kwezi nkcukacha zingezantsi nezizezoqhakamshelwano.

## IINCKUKACHA ZOQHAKAMSHELWANO

| TITLE | CONTACT NO. | E-MAIL | ADDRESS |
|---|---|---|---|
| State Veterinarian: George | 044-803-3771/0 | SVGeorge@ westerncape.gov.za | 4 Varing Avenue, George |
| State Veterinarian: Boland | 021-808-5028/ 5253 | SVBoland@ westerncape.gov.za | Western Cape Department of Agriculture building, Muldersvlei road, Elsenburg |
| State Veterinarian: Swellendam | 021-808-5059/ 028-425-4850 | DOA.svswellendam@ westerncape.gov.za | 67 Voortrekker St, Swellendam |
| State Veterinarian: Beaufort West | 023-414-9220/1 | DOA.svbeaufortwest@ westerncape.gov.za | Blyth St, Beaufort West |
| State Veterinarian: Vredendal | 027-201-3514/-0 | DOA.svvredendal@ westerncape.gov.za | Cnr Matzikama and Noord St. Vredendal |
| State Veterinarian: Malmesbury | 022-482-1380 | DOA.svmalmesbury@ westerncape.gov.za | Cnr Spoorweg and Munisipale St, Malmesbury |
| State Veterinarian: Oudtshoorn | 044-203-9443/5 | DOA.svoudtshoorn@ westerncape.gov.za | 43 Van Der Riet St, Oudtshoorn |
| State Veterinarian: Worcester | 021-808-5052 | DOA.svworcester@ westerncape.gov.za | 30 Van Arckel St, Worcester |



**Last updated: June 2025**